



ISAZISO SEENDIBANO ZOVAKALISO-ZIMVO

Ngokwenjenje kukhutshwa isaziso, ngokwecandelo lama-21 (4) (b) loMthetho weSizwe woMlawuli weNyukliya, uMthetho onguNomb. 47 ka-1999 (UmThetho) wokubamba iindibano zovakaliso-zimvo ezinxulumene nesicelo seLayisensi yokuFakelwa kweNyukliya (i-NISL) esifunyenwe ku-Eskom Holdings SOC Limited yesiza saseThyspunt esiseMpuma Koloni.

Imvelaphi

Isicelo se-NISL esifunyenwe nguMlawuli weSizwe weNyukliya (i-NNR) silinganiselwe kuvavanyo lokufaneleka kwesiza saseThyspunt kufakelo olutsha lwenyukliya ngokungqinelana noMmiselo wokuLayiseniswa kweeSayithi zaMandla aMatsha eNyukliya aKhutshwe ngokoMthetho. Umfaki-sicelo akafaki sicelo sephepha-mvume lofakelo lwenyukliya ekwakheni nasekusebenziseni ufakelo lwenyukliya.

linkcukacha zovakaliso-zimvo zoluntu

Indawo ye-23 Novemba 2021: eKruisfontein Civic Centre, Humansdorp, Ixesha: 18:00 - 21:00
• 24 Novemba 2021, Indawo: Vusumzi Landu Hall, Hankey, Ixesha 18:00 - 21:00

Iindibano zovakaliso-zimvo ziya kubanjelwa ngokungqinelanayo ngokungqongqo nemigaqo kaRhulumente kaZwelonke ye-COVID-19.

Ukufumaneka kolwazi loluntu kwi-NISL yaseThyspunt

Umfaki sicelo u-Eskom (Pty) SOC ulungiselele uxwebhu lolwazi loluntu (PID) ukwenza ukuba uluntu lukwazi ukuthatha inxaxheba kwindibano yoluntu.

1. I-PID inokukhutshelwa ngaphandle-

a. Iwebsite yeNNR -

- IsiNgesi: <https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/English-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf>
- Isibhulu: <https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/Afrikaans-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf>
- IsiXhosa: <https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/isiXhosa-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf>

b. Iwebsite kaEskom -

<https://www.eskom.co.za/Whatwerecoing/ElectricityGeneration/NuclearSiteLicense/>

2. Iikopi ezingamaphepha ze-PID zinokuqokelelwa kuMathala eeNcwadi kaMasipala waseKouga nakwii-Ofisi zooCeba beWadi.

Ngubani onokumelwa kwiingxoxo zasesidlangalaleni?

Nawuphi na umntu onokuchaphazeleka ngokuthe ngqo ngokunikwa kwe-NISL angenza intetho ebhaliweyo okanye yomlomo malunga nempilo, ukhuseleko kunye nokusingqongileyo.

Ungayithatha njani inxaxheba kule ngxoxo kawonke-wonke?

1. Ngenisa izimvo ezibhaliweyo kwiNNR.
 - a. Zonke izimvo ezibhaliweyo mazibhekiswe-
UMnu Gino Moonsamy, UManejala wezoNxibelelwano noBudlelwane namaTyala, uMlawuli weSizwe weNyukliya.
 - b. Zisa ngesandla izimvo ezibhaliweyo ku:
 - Amathala eencwadi kaMasipala waseKouga
 - Ii-Ofisi zooCeba beWadi zaseKouga;
 - c. Umhla omiselweyo wokungenisa izimvo ezibhaliweyo ngowe-21 Novemba 2021.
2. Izimvo ezibhaliweyo nazo zingathunyelwa nge-imeyile ku-NISLPublichearings@nnr.co.za
3. Yenza intetho yomlomo kwingxoxo yoluntu.
 - a. Abantu abanqwenela ukwenza intetho yomlomo kwiimvakaliso-zimvo loluntu kufuneka babhalise kwi-NNR njengomlamli kwaye banikezele ngeenkukacha zokungeniswa ngomlomo ekufuneka kwenziwe. Ifom zobhaliso zokwenza intetho yomlomo ziyafumaneka kumaThala eeNcwadi kaMasipala waseKouga nakwiiOfisi zooCeba beWadi.
 - b. Iingcaciso-ntetho zomlomo ziya kwenziwa buqu kwindawo leyo kwaye zinqunyelwe kwimizuzu eli-10 ngcaciso-ntetho nganye.
 - c. Chaza ukuba ngaba intetho yomlomo iya kwenziwa ngesiNgesi okanye ukuba kufuneka umguquleli.
 - d. Ukuba ufuna naluphi na uncedo olukhethekileyo ukuze uthathe inxaxheba kule nkqubo nceda ugcalise isicelo sefomu yoncedo ekhethekileyo efumaneka kumathala eencwadi kaMasipala waseKouga nakwiiOfisi zooCeba beWadi.
 - e. Umhla wokugqibela wokubhaliswa ukwenza iintetho zomlomo yi-16 Novemba 2021.
 - f. Ifom yokuBhaliswa kweeNgxoxo zikaRhulumente kwi-Intanethi iyafumaneka kwiwebhusayithi yeNNR.
 - g. Ngolwazi oluthe kratya kutyelelo olwenziweyo loluntu: <https://nnr.co.za/public-hearings-2/>

Iphepha elichazayo ukuba awusenanto oyifunayo: I-NNR inelungelo lokumisa elinye ixesha okanye ukurhoxisa ukuva izimvo zoluntu xa kunokwenzeka iimeko ezingalindelekanga okanye ngenxa yempilo noluntu iinkxalabo ezinxulumene nobhubhane we-COVID-19. Kwimeko apho imeko yangaphandle ingakulungelanga ukuthatha inxaxheba komntu, i-NNR inokuthatha isigqibo ngeendlela ezizezinye zokucela ukuthatha inxaxheba koluntu.